



enoBulungisa Ngoku!

**Akukho kubuyela
esiqhelweni**

**phambili Ngemvuselelo
enoBulungisa!**

Njengoko siphinda sisakha intlalo noqoqosho lwethu emva kochaphazeleko yi-COVID-19, kufuneka siqinisekise iMvuselelo enoBulungisa elandela le mimiselo mihlanu ilandelayo:

1

Ebeka impilo yabantu phambili, ngaphandle kocalucalulo konke konke

2

Enika umnyenyevu wezoqoqosho nqo ebantwini

3

Enceda abasebenzi nabahlali, hayi abaphathi beenkampani

4

Emisa iintsika zokumelana nemingeni yexesha elizayo

5

Eyakha ukuvelana nokusebenzisana ngaphaya kwemida – enganiki amandla abo balawula ngegqudu

Umzabalazo wokulingana nowezobulungisa kwezemo esingqongileyo, kubuhlanga nakwezesini ziyinto enye nefanayo. Ngelilixa le nyhikityha yesifo isiqobe amandla kwaye yamilisela nzulu iiyantlukwano entlalweni yethu, sinethuba lokuyiguqula lemo enobunzulu bokungalingani kuqoqosho lwaseMzantsi Afrika.

Imvuselelo enoBulungisa iyakwenza ezi zinto:

- Iyakubhebhetha ubugqolo nokuvimba imali, ngokwakha ngokutsha iinkonzo zoluntu
- Iyakufaka utyalo-mali kwimisebenzi yonakekelo nakubuxhakaxhaka bentlalo obufana neenkonzo zemfundo nezempilo
- Iyakubandakanya inguqu enobulungisa esingise kubuxhakaxhaka bamandla ombani avuselelekayo
- Iyakuzisa ukuguqulwa kwamaziko oqoqosho lwethu, hayi iinguqu ezincinane kuqoqosho nezingenaluncedo olutheni
- Iyakuqinisekisa ubunikazi boluntu obunedemokhrasi kumashishini, iinkonzo nezimpahla

Funda ingxelo epheleleyo kwi:

No Going Back to Normal:

Imagining a Just Recovery in South Africa

ifumaneka kwi www.350africa.org/just-recovery-report

Just Recovery Art Challenge:

Thabatha inxaxheba kwi-**Just Recovery Art Challenge** (kuMcelimngeni wezoBugcisa kwiMvuselelo enoBulungisa), uze ubenethuba lokuwina amabhaso wakube uvelise umbono wakho wemvuselelo enobulungisa ngobugcisa: www.fal.cn/JustRecoveryArt